basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo Lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

UBUHLOBO

1 Ubuhlobo lilona qhina linqwenelwa nguye wonke ubani. Ukusukela ngowe-1935, usuku lwangeCawa lokuqala kwinyanga yeThupha kunyaka ngamnye lwabekelwa bucala ukuze kubhiyozelwe kuhlonitshwe ubuhlobo kwizwelonke. Uphawu oluqaqambileyo ngokweenkcaza ezininzi zobuhlobo kukubamacala mabini kwabo. Nesichazi magama siveza ukubamacala mabini kubuhlobo kuba sibuchaza njengemo yemvisiswano. Sitsho sibale imo yobutshomi, imo yokuvana nokuthandana, imo yokubangumtya nethunga, imo yokuzalana, eyokunxibelelana ngomnombo wegazi, eyobudlewane, ubuqabane, kanti neyokwendiselana.

2 Ubunzulu benkcaza yobuhlobo bubalula ukubayimo kobuhlobo ngaphezu kokubayinto. Buchazwa njengemo kuba asilovakalelo oludlulayo nje kuphela okanye unxulumano lwexeshana koko yimo enozinzo, imo eqhubekayo yokuthembana okumacala, ukuqondana, kunye nokuqhogana phakathi kwabantu. Abungotshawu nje buxonxwa ngamava abawafumana ngokunyuka kunye amaqhina obom, namaqhina, asukela kuvakalelo lwabo xa bekunye kuloo nto bahlobana ngayo. Ubuhlobo macala omabini bukhuliswa ngokuxhasana, ukunxibelelana rhoqo, ukuzinikela, ukuma kunye kwimingeni yobom neyokukhula.

3 Ubuhlobo buziindidi ngeendidi. Bukho ubuhlobo ngokuzalana nokwalamana, nobuhlobo ngokusebenzisana njengaxa nidibana ngento enye okanye ngokuxabisa into enye. Obokudibana ngento enye bungaquka obokushishina, obobusela okanye naluphi uhlobo lobukoloviya. Ingqondo ikhawuleza ifike kubuhlobo ngokulwela ilizwe obusebuxhaphake ngokuba abakubo babizwe ngokuba bangamaqabane. Abanye abantu sebelibele ukuba ubuqabane buneenkalo ezininzi nabo. Amaqabane ngabantu abahlambana imihlana, abaqhogeneyo, izinxulumane. Ulapho umhlobo osenyongweni, uwethu, uwabo, idlelane, nenceke. Ungaquka apha abalingane, iitshomi, izihlobo, izalamane, amakholwane, oontanga kanti nomyeni nenkosikazi yakhe.

4 Umhlobo osenyongweni yena ngumntu ovana nomnye kakhulu. Ukwaliqabane naye. Kukho abantu abathi kwakuthwa umntu ngumhlobo osenyongweni bamsizele bacinge ukwimeko embi, ebuhlungu. Ndikhumbula ileta yobuhlobo eyayibhalelwa umhlobo osenyongweni eklasini apho umhlobo wam othile wabhala wathi, 'Mhlobo wam osenyongweni, Mholo apho enyongweni. Kunjani apho enyongweni? Buya mani endaweni ekrakra enjalo. Awunakuhlala kwinto ekrakra kanjalo kude kuthiwe usenyongweni nawe uhlale uzibona uba awonwabanga.' Uthi wayeyazi intsingiselo yomhlobo osenyongweni?

5 Ngokungena nje kubuhlobo ubanoxanduva. Uxanduva yinto oyenza uthanda ungathandi. Kubuhlobo uyazikhethela ukungena okanye unyanzeleke kuba bukuphehlelela njengelungu losapho wakungena.
Nokuba ungena kubuhlobo ngokuzikhethela okanye ngokuzalwa kodwa usenoxanduva lokubangomnye wosapho. Ukubakho kweziseko eziziintsika zobuhlobo kubangela ukuba abo bangena kubuhlobo banyanzeleke ukuba bathobele imigqaliselo elindelekileyo. Phakathi kwemigqaliselo kubuhlobo ngokuzalana nokwalamana kukho lo wokuba isiduko somntu singuyena ndoqo kubudlelwane ngaphezu kokufana kwefani. Abantu banganefani enye kodwa isiduko sahluke, kuthethe ukuthi abazalani. Sekubukeka kwizikolo ezithile apho ufika umfundi ebhale kakhulu emqolo kwibhatyi yeMatriki, 'Khwalo', 'Zondwa' ukubonisa ukuba ulilungu losapho kubuhlobo bamathile.

6 Ukubizana ngentlonipho kusisithako esibalulekileyo kubuhlobo. Isiduko sibayindlela ehloniphekileyo yokubizana endaweni yokunkqangaza abantu ngamagama eenkobe. Ukulandela inkcubeko yaseNtshona kudala ingxaki, yabantwana bamaXhosa abathi mihla le, babize ooyise noobhuti babo ngamagama ngokungaqondi. Bakhala 'Mfondini', 'Bra Man', kooyise endaweni yokuthi, 'Jwarha', okanye 'Mqoco' njengokuba kwakunjalo kuqala. Kwelinye icala ubuhlobo ngokwalamana obenziwa ngokwendiselana phakathi kwamakhaya amabini nabo buyongeza kuxanduva lokubizana chanekileyo njengamakhaya alameneyo. Umyeni kadadewenu umbiza umlanya, okhe abizwe 'Sibali, aze udadebomyeni kadadewenu umbize umlanyakazi lo sithi namhlanje nguSibalikazi. Ukuthi, 'mhlobo wam' sisibizi sentlonelo koontanga. Ukuthi, 'bahlobo' sisibizi sokucenga ukuhoywa esisetyenziswa futhi kwisininzi xa umntu ethetha esidlangalaleni kumaqela obuhlobo nasemisebenzini.

7 Kuko konke osekukhankanyiwe malunga nokubaluxanduva kobuhlobo, ukuthembeka nokuthandana okumacala omabini kuyimigomo eqaqambileyo kubuhlobo obuluqilima. Naluphi na udidi lobuhlobo lulawulwa kukuthembeka nokuthandana, kuvunyelwene kungavunyelwananga. Akungena kubuhlobo umntu uyafana nokungathi ulilungu losapho kwiqela akulo kuba imigomo yobuhlobo imqamangela oku kwemigomo eqamangela usapho. Ngeliphandle nina nibangamafelandawonye. Ukuthembeka kumbutho kuyinqobo yobuhlobo. Ubufelandawonye kubuhlobo busebenza ngokuxabisa into enye kunye – ubuqabane ukutsho oko. Izenzo zokuthembeka ziquka ukwenza umsebenzi owunikiweyo ngexesha lawo elichanekileyo, onganelisi wena kuphela ngawo. Kufuneka kungabikho cala lithembileyo lize elinye lona lihlalele ukuthenjiswa kuphela. Onikayo kufuneka athathe naye ngenye imini aze othathayo abenemini yokunika naye angamkeli nje okokoko. Uthando lobuhlobo alukufuni okukokwalo kodwa. Ukuzinikela, ukuma kunye kwimingeni yobom neyokukhula zezinye kwizithako zentembeko nokuthandana ezibalulekileyo.

[Sithathwe ku-Vimba wabevi]

ISICATSHULWA B



[Uthathwe ku-https://www.freepik.com/photos/right-obligation]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi woku-1

1.1 Khankanya usuku lokubhiyozela kuhlonitshwe ubuhlobo ngokwalo mhlathi. (1)

1.2 Nika uphawu lobuhlobo oluqaqambileyo ngokomhlathi woku-1. (1)

1.3 Chaza indlela esikungqina ngayo isichazimagama ukubamacala mabini kobuhlobo. (1)

Jonga kumhlathi wesi-2

1.4 Nika isizathu esikulo mhlathi sokuchaza ubuhlobo njengemo endaweni yokubayinto. (1)

1.5 Dwelisa zibeziTHATHU izixhobo obukhuliswa ngazo ubuhlobo obumacala mabini. (3)

Jonga kumhlathi wesi-3

1.6 Tolika ibinzana, 'abahlambana imihlana' ngokomxholo womhlathi we-3. (2)

1.7 YINYANI/LULUVO ukuba ubuhlobo buziindidi ngeendidi? Xhasa impendulo yakho ngokuqulethwe ngulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-4

1.8 Khetha intsingiselo echanekileyo yokuthi umntu ungumhlobo osenyongweni kwiimpendulo ezingezantsi:

A Uhlala kwilali yaseNyongweni
B Ungumntu omthanda kakhulu
C Ongazithathiyo izimvo zabanye
D Ungumntu osoloko enomsindo (1)

1.9 Ngqina ngalo mhlathi ukuba obebhala ileta akayiqondanga intsingiselo yomhlobo osenyongweni. (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

1.10 Caphula kwisivakalisi esingezantsi amagama amabini alandelelanayo athetha ukuba umntu uyanyanzeleka.

'Uxanduva yinto oyenza uthanda ungathandi.' (1)

1.11 YINYANI/BUBUXOKI ukuba ukungena ngokuzikhethela kubuhlobo kukuvumela ukuba uzikhethele nokubanoxanduva? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.12 Chaza indima edlalwa sisiduko nefani kubuhlobo ngokuzalwa. (2)

Jonga kumhlathi wesi-6

1.13 Uyavumelana noluvo lokubiza abantu ngeziduko? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.14 Xela indlela abizwa ngayo (a) umyeni kadadewenu (b) nodadebomyeni kadadewenu. (2)

Jonga kumhlathi wesi-7

1.15 Nika umzekelo wobufelandawonye kubuhlobo owaziyo ngokwentsingiselo yamafelandawonye akulo mhlathi. (1)

ISICATSHULWA B

1.16 Khankanya (a) isenzo abasenza kunye (b) nesenzo abahluka ngaso abantu abasemfanekisweni. (2)

1.17 Phawula ngobufelandawonye xa ujonge uEsi kulo mfanekiso. (2)

1.18 Nika icebiso lokuqinisekisa ubuhlobo obuluqilima ujonge okuqulethwe sisicatshulwa B kunye nomhlathi we-5. (2)

AMANQAKU ECANDELO: A 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezizathu ezizezinye ezinyanzelisa ukufunda olunye ulwimi kwiphulo lokunxibelelana nokuphilisana nabantu.** Shwankathela ngenjongo **yokunika izizathu zokufunda olunye ulwimi.**

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

SILUFUNDA NGEZIZATHU OLUNYE ULWIMI

Kwiphulo lokuphilisana nokunxibelelana kwezizwe ngezizwe siyanyanzeleka ngabanye ngabanye ukuba silufunde ulwimi lokongeza kolu sizelwe siluthetha. Ngezants'apha kukhankanywe zazininzi izizathu ezizezinye ezinokwenza umntu ngamnye akubone kusisinyanzelo ukongeza ulwimi olulolunye.

Akuthandabuzeki ukuba wakwangeza olunye ulwimi wangeza isigama solwimi olutsha kwanemithetho yokusetyenziswa kwalo kutsho kuloleke kukhuliseke namandla engqondo. Omamele efunda ulwimi olutsha uyaqolozela kwisithethi emamele azibone sel'ede waqaphela ukwakhiwa kwamagama abe akayikuyibhuda intsingiselo. Umzekelo oqala ukufunda isiXhosa ufika ekhala ngoo 'asihambisheni', bethathela koo'makisha' noo'korekisha' besiXhosa.

Kungaliyeza ukufunda ulwimi olutsha kwingxaki yokungakwazi ukumilisela ingqondo kwizinto abazenzayo. Kaloku ilizwe libangxasha ngezinto ezifana neTV neefoni ezenza bafumane bengenzanga nowathwethwa. Ulwimi olutsha lubancedisa nangokunyanzelisa ukuba athi ngcee iindlebe umntu aqolozele akufune ukungaphazanyiswa nto.

Kwihlabathi elikhuthaza ukhuphiswano kwiindawo zemisebenzi, abaqeshi bakhangela umntu ogqamileyo kunabanye xa bevala izikhewu. Kubantu abafunde iilwimi ezingaphezulu kwesinye ayongezeka amathuba okufumana imisebenzi. OoSol Plaatje yimizekelo yabantu ababanenyhweba yokubaxhakaxhaka yimisebenzi yeelwimi ababezazi ezazingasixhenxe.

Kufana nokuba ingqondo engasetyenziswayo iphumla ide iyeke ukukhula, ibuye umva iphele pam. Ukufunda ulwimi lwesibini kuyenza ingqondo iphaphe ihlale isamkela okutsha. Isizathu kukuba xa ufunda olunye ulwimi kunyanzeleka ukuba uhlale uyisebenzisa ngamandla ingqondo usenza uphando ngolo lwimi ungaqondi.

Ukuba bonke abantu bebesazi ukuba isakhono sokukhumbula sifuneka kwiinkalo zonke zobomi ngebelithatha naliphi icebo lokuqinisa izixhobo zokukukhumbula msinya okukhe kwabehlela. Ukufunda ulwimi olutsha kulola kanye esi sakhono sokukhumbula. Kaloku uthi umntu ukuze ahlale ekhumbula ayixakekise ingqondo yakhe.

Iphucuka ngakumbi indlela azijonga ngayo xa ezithelekisa nabanye abathetha olo lwimi xa ekwazi ukuncokola nabo ngalo. Ukugqwidiza okungathuki mntu kufuna umntu ozamkelayo ukuba usafunda angalindeli kubayingcaphephe yalo.

Ukwazi ulwimi lwesibini akuphuculi indlela ozijonga ngayo kuphela kunyusa nezinga lobugcisa. Kaloku ulwimi lukunika ilayisensi yokungena kwinkcubeko yabantu bolwimi olutsha. Awunqweneli ke wena ukuxhamla kule nyhweba iziswa kukufunda olunye ulwimi?

[Sithathwe ku-https://smallbiztechnology.com]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D



KHAWUZITENDE MAAN TORHO INYANGA YAKHO IFILE

[Sicatshulwe kwi-intanethi, www.googleimages.com saze sahlelwa]

3.1 Xela indlela ifonti ewudale ngayo umtsalane kule ntengiso. (1)

3.2 Khetha ngezantsi intsingiselo echanekileyo yesivakalisi, '... inyanga yakho ifile' ngokomxholo wesibhengezo.

A inyanga yomthengi ayisamniki mali
B yimini yomthengi yokufumana umvuzo
C igqirha lomthengi libulewe makonwabe
D inyanga ayizukuphinda iphume esibhakabhakeni (1)

3.3 Chaza abantu esijoliswe kubo isibhengezo esingentla. (2)

3.4 Chonga okukwisibhengezo okuthetha ukuba le *peanut butter* ithembakele. (2)

3.5 Khetha ukuba umfanekiso wekati usebenze ukukrobisa ngenzuzo na okanye ngento eyenziwe ngayo *ipeanut butter*. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Ngqina okanye uchase uluvo lokuba intsebenziswano phakathi kwamagama nomfanekiso iyawudala umnqweno wokuyifumana le mveliso. (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E



[Sicatshulwe ku-https://www.gocomics.com/edstein]

4.1 Nika igama elithetha ukuba uLiku akaqali ukuzilungisa iinwele zakhe kwisakhelo soku-1. (1)

4.2 Chaza ukuba uLiku uyibethelele njani into yokuba yena wenza izinto zabafazi kuphela ngokwesakhelo se-2 nese-3. (2)

4.3 Chonga amabinzana amaBINI abonisa ukuba uLiku uhlela abantu ngokwesini kwisakhelo 1, 2 ne-3. (2)

4.4 Ngqina ngokukwisakhelo sesi-4 ukuba umzobi usebenzise ifonti ukutyhila ukuba unoluvo olubethelelekileyo ngendlela abaziphatha ngayo abantu basetyhini. (1)

4.5 Chaza indlela osebenzisana ngayo umfanekiso namagama akwisakhelo 4 ukutyhila ukungavisisani phakathi kukaVeza noLiku. (2)

4.6 Khetha ukuba uyakungqina okanye awukungqini ukubaxeka akubonayo uVeza ngokukhuza ukuphinda ukwenza iinwele nemali ebandakanyekayo. (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F), singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

IMVELAPHI YEEJEANS ZAKWALEVI

1 Ukuyila into kuvela ngokuthi uqale uvelelwe yingxaki. Xa uyazi ingxaki uyakwazi ukucinga iindlela ezininzi ezahlukileyo zokuyisombulula. ULevi uphawule ukuba abasebenzi basemgodini banengxaki yokukrazuka lula kweebhrukhwe zivuthuluke zikhangeleke ngathi bezidlavulwa ngootoki. Eyona ngxaki yeyokuba babengenamali yokuthenga rhoqo.

2 ULevi Strauss waza necebo lokubathungela iibhrukhwe **ngelaphu** elomeleleyo lecanvas. Walandelisa ngokuthunga iibhrukhwe ezimbalwa wazinika abasebenzi abathile basemgodini ukuba bavavanye ukomelela kwazo. Imincili eyayilapho kwabo basebenzi bakhethiweyo yengathethekiyo, befanelekile fondini behambela phezulu ngenxa yeebhrukhwe zasimahla ezintle. Suka bazibona besonga imali kuba iibhrukhwe zabo zingasakrazuki msinya. Batsho bathi gqolo bethenga. Emva kokuqiniseka kokuba imveliso yakhe yomelele kwaye iyathandwa ngabantu wayithiya ngegama lakhe le bhrukhwe wathi, yi'Levi'.

3 Emva kwexesha babakho abalandeli ababiza ezabo iibhrukhwe ezomeleleyo ngokuba zii*jean* ngenxa yelaphu abalisebenzisayo ukuzenza elifana nelakhe ukubalushica. Nabo babelithenga kwidolophu yaseItaly eyaziwa ngokuba yi'Genoa.' Zavela njalo ii*jean* zeLevi ezithandwa kakhulu ngabantu ngenxa yokomelela nobuhle bazo.

[Sicatshulwe ku-https://www.levistrauss.com//the-history-of-denim saguqulelwa esiXhoseni saza sahlelwa]

5.1 Nika isibizo osakha kwisenzi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

ULevi **uphawule** ukuba abasebenzi basemgodini banengxaki ... (1)

5.2 Caphula isakhi sesifaniso kwisivakalisi esilandelayo.

... zivuthuluke zikhangeleke ngathi bezidlavulwa ngootoki. (1)

5.3 Khetha impendulo kwizibiyeli:

Igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi linika ulwazi malunga (nento eyenziwe ngayo ibhrukhwe/nesizathu sokwenziwa kwebhrukhwe).

... waza necebo lokubathungela iibhrukhwe **ngelaphu** elomeleleyo. (1)

5.4 Xhasa uluvo lokuba igama 'besonga' elikwisivakalisi esingezantsi linayo enye intsingiselo ngokubhekiselele emalini ngaphandle kokuyigcina.

Suka bazibona **besonga** imali kuba iibhrukhwe zabo zingasakrazuki msinya. (2)

5.5 YINYANI/BUBUXOKI ukuba igama 'batsho' elikwisivakalisi esingezantsi lithetha ukuba bayithetha loo nto. Xhasa impendulo yakho.

Batsho bathi gqolo bethenga. (1)

5.6 Chonga kwisivakalisi esingezantsi ibinzana elixela ubude bethuba abamlandela ngalo abanye abenzi bebhrukhwe ezomeleleyo.

Emva kwexesha babakho abalandeli ababiza ezabo iibhrukhwe ezomeleleyo ... (1)

5.7 Nika isithethantonye segama elikrwelelweyo ngokomxholo wesicatshulwa elikwesi sivakalisi singezantsi.

... ngenxa yelaphu abalisebenzisayo ukuzenza elifana nelakhe ukubalushica. (1)

5.8 Dibanisa ezi zivakalisi zilandelayo usebenzisa isihlanganisi.

Iijean zeLevis zithandwa kakhulu ngabantu.
Iijean zeLevis zomelele. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70